

# NALIBALI

## Are you a read-aloud family?

Is your family a read-aloud family? In a read-aloud family, the adults make reading to their children for at least 15 minutes a day part of their daily routine. Why? Because reading aloud to children is the most important thing adults can do to develop children's literacy!

When we start reading aloud to children every day from birth, we prepare them for lifelong learning success. And when we keep reading to them – even when they can read for themselves – we continue to build on the solid foundation we have laid. Every time we read to children, we improve their learning advantage.

### 3 WAYS TO READ ALOUD

- 📖 Read the pictures.
- 📖 Read the words.
- 📖 Retell the story.




### MAKE READING PART OF YOUR DAY!

Choose a time each day to read to your children.

- 🕒 Before or after nap time
- 🕒 After meals
- 🕒 At bedtime


### MAKE READING ALOUD ENJOYABLE!

- ♥ Put lots of expression into your voice as you read.
- ♥ Use different voices for different characters.
- ♥ Make up sound effects.
- ♥ Ask what might happen next before turning the page.
- ♥ Once you have finished reading, ask questions about the story that will help your children express their feelings and opinions, and encourage them to problem solve.



August is Women's Month in South Africa and we're celebrating women in this edition of the Nalibali Supplement! Here's what you'll find inside:

- ★ How our story star, Mpumy Ndlovu, is making a difference in children's lives (page 2).
- ★ Ideas on how to use reading, writing and drawing to celebrate Women's Month (page 4).
- ★ A story about a strong woman – Miss Helen's magical world (starting on page 5).



 Drive your imagination

## Ingaba nilusapho olufunda ngokuvakalayo?

Ingaba usapho lwakho lusapho olufunda ngokuvakalayo? Kusapho olufunda ngokuvakalayo, abantu abadala bayenze into yesiqhelo ukufundela abantwana babo imizuzu eli-15 ebuncinaneni ngosuku. Kutheni? Kungokuba ukufundela abantwana ngokuvakalayo yeyona nto banokuyenza abantu abadala ukuze baphuhlise isakhono sokufunda sabantwana!

Xa siqala ukufundela abantwana ngokuvakalayo yonke imihla ukususela ngomhla wokuzalwa kwabo, sibalungiselela ubomi obude bokufunda okuyimpumelelo. Kwaye xa siqhuba ngokubafundela – naxa sebekwazi ukuzifundela – siqhuba ukwakhela phezu kwesiseko esilujilima esisandlalileyo. Ngalo lonke ixesha sifundela abantwana, siphucula ithuba labo lokufunda.


### IINDLELA EZI-3 ZOKUFUNDA NGOKUVAKALAYO

- 📖 Funda imifanekiso.
- 📖 Funda amagama.
- 📖 Balisa ibali kwakhona.

### YENZA UKUFUNDA KUBE YINXALENYE YOSUKU LWENU!

**Khetha ixesha lokufundela abantwana ngosuku ngalunye.**

- 🕒 Phambi okanye emva kwexesha elifutshane lokulala
- 🕒 Emva kwezidlo
- 🕒 Ngexesha lokuya kulala



### KWENZE KONWABISE UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO!

- ♥ Ilizwi lakho malikhatshwe zizangotshe xa ufunda.
- ♥ Sebenzisa ilizwi elitshintsha-tshintshayo ukwenzela abalinganiswa abahluka-hlukileyo.
- ♥ Qamba izandi ezahluka-hlukileyo.
- ♥ Buza ukuba yintoni enokwenzeka elandelayo phambi kokutyhila iphepha.
- ♥ Wakuba ugqibile ukufunda, buza imibuzo eza kunceda abantwana bakho ukuba babalule izimvo zabo neengcinga zabo malunga nebali, uze ubakhuthaze ukuba basebenzise izakhono zokusombulula iingxaki.



**Inyanga yeThupha yiNyanga yaManina eMzantsi Afrika kwaye sibhiyozela abasetyhini kolu papasho lohlelo lukaNalibali! Naku oza kukufumana ngaphakathi:**

- ★ Indlela imbalasane yethu yamabali, uMpumy Ndlovu, enza ngayo umahluko ebomini babantwana (iphepha lesi-2).
- ★ Izimvo ngendlela yokusebenzisa ukufunda, ukubhala nokuzoba ukubhiyozela iNyanga yaManina (iphepha lesi-4).
- ★ Ibali malunga nowasetyhini onamandla – Ihlabathi lemilingo likaNkszn Helen (liqalisa kwiphepha lesi-5).

 IT STARTS WITH A STORY.  
KONKE KUQALA NGEBALI.

## Story stars



Storyteller and TV actress, Mpumy Ndlovu, is a FUNda Leader. She is committed to changing children's lives through theatre and literacy. We spoke to her about how she is doing this.

### Where did you grow up?

I was born and bred in the township of Umlazi in KwaZulu-Natal. It is the fourth largest township in South Africa, and the only township with its own car registration plate: NUZ!

### Tell us about Umlazi.

Life in Umlazi is not easy. A high rate of AIDS-related deaths has led to many children being orphaned and having to be the head of their homes. These children often have to drop out of school and search for jobs to support themselves and their siblings. A shared love of the performing arts, reading and storytelling has helped keep the young people of Umlazi connected. I believe in the power of these things to uplift children.

### What should childhood be like?

A child's place is on the playground, where they can play, explore and enjoy their childhood.

### Tell us more about your passion for children.


I believe that "your child is my child". We are all responsible for the children around us. We need to become one big family working together to raise all our children. And all children deserve equal opportunities. No one's future should be determined by their background or where they were born. Every child should be allowed to dream because there is always potential for those dreams to come true, especially with community support.

### How are you making a difference in children's lives?

In 2009, the young people of Umlazi set up a non-profit organisation which focuses on the performing arts and is dedicated to the children of our community. We started a project – *Dlala Mntwana* (isiZulu for "Play, Dear Child") – where children get to do what they do best: play. They also, often for the first time, experience a theatre performance aimed at sparking their imagination and curiosity. Then, with the support of our local library, we sign the children up for library cards to encourage them to read. I know that belonging to a library helped me so much as a child.

### What should all adults do for children?

We must share whatever knowledge and skills we have with the next generation while we can. We must empower them through literacy. We must help them to imagine better prospects for themselves through stories and storytelling.



Images4Life

Mpumy Ndlovu

## Iimbilasane zamabali

Umbalisi wamabali nomdlali okumabonakude, uMpumy Ndlovu, yiFUNda Leader. Uzinikele ekuguquleni ubomi babantwana ngokusebenzisa imidlalo yaseqongeni nangokufunda nokubhala. Sithethe naye ngendlela akwenza ngayo oku.

### Ukhulele phi?

Ndazalelwa ndaze ndakhulela kwilokishi yaseMlazi KwaZulu-Natal. Yilokishi yesine kwezona zinkulu eMzantsi Afrika, kwaye yiyo kuphela ilokishi enepleyiti eyeyayo yobhaliso lweemoto: iNUZ!

### Khawusixelele ngoMlazi.

Ubomi baseMlazi abululanga. Inyhikityha yokufa enxulumene nesifo sikaGawulayo ikhokelele ekubeni kubekho abantwana abaninzi abaziinkedama nabanyanzeleka ukuba babe ziintloko zamakhaya abo. Aba bantwana bakholisa ukusishiya isikolo ngenjongo yokuzingela imisebenzi ukuze bakwazi ukuzikhulisa bona nabantwana bakwamawabo. Uthando ekwabelwana ngalo lobugcisa bokudlala imidlalo, ukufunda nokubaliswa

kwamabali luluncedile ulutsha lwaseMlazi ukuba luqhagamshelane nabanye. Ndikholelwa emandleni ezi zinto okuphucula abantwana.

### Kufuneka bube njani ubuntwana?

Indawo yomntwana isebaleni lemidlalo, apho banokudlala khona, bahlole izinto ngokunjalo bonwabele ubuntwana babo.

### Khawusixelele banzi ngothando lwakho olushushu lwabantwana.

Ndikholelwa ekubeni "umntwana wakho ngumntwana wam". Sonke sinoxanduva lwabantwana abakwindawo esikuyo. Sifanele ukuba lusapho olukhulu olusebenzisanayo ukuze sibaphucule bonke abantwana bethu. Kaloku bonke abantwana bakufanele ukufumana amathuba alinganayo. Akukho kamva lamntu lifanele ukubonwa ngokwentsukaphi yakhe okanye ngokwendawo azalelwa kuyo. Umntwana ngamnye ufanele ukuvunyelwa ukuba namaphupha kuba kusoloko kukho isakhono sokuba loo maphupha abe yinyaniso, ngakumbi xa kukho inkxaso yoluntu.

### Uwenza njani umahluko ebomini babantwana?

Ngowama-2009, ulutsha lwaseMlazi lwaseka umbutho ongasebenzeli nzuzo nonogqaliso ekudlaleni imidlalo yobugcisa ngokunjalo izinikele ebantwaneni basekuhlaleni kwindawo yethu. Siqalise le projekthi – *Dlala Mntwana* – apho abantwana bafanele ukwenza oko bakwazi ukukwenza ngokubalaseleyo: ukudlala. Kwakhona, kwilixa lokuqala, bakwazi ukuxhamla ekudlaleni imidlalo yeqonga ejoliswe ekuvuseleleni ingcingane yabo nokulangazelela ukuzuza ulwazi. Ngoko ke, ngenkxaso yelayibrari yendawo yethu, sancedisa abantwana ukusayinela iikhadi zelayibrari ukuze sibakhuthaze ukuba bafunde. Ndiyazi ukuba ukuba nelayibrari endiyisebenzisayo kwandinceda kakhulu ngoko ndandingumntwana.

### Yintoni bonke abantu abadala abanokuyenzela abantwana?

Masithethe ngalo naluphi ulwazi nezakhono zobuchule esinazo nesizukulwana esizayo kangangoko sinakho. Sifanele ukubaxhobisa ngesakhono sokufunda nokubhala. Masibancedise ukuba babe neengcingane ngamathuba aphucukileyo abanokuxhamla kuwo ngokusebenzisa amabali nangokubaliswa kwamabali.

Go to [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) to find out more about the FUNda Leader Programme. You'll also find our special *FUNda Leader Kick-off Kit* on our website. It's filled with ideas about how you can help to get South Africa reading. Download it today and get started!



**FUNda**  
LEADER

Yiya ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) ukufumanisa ngakumbi ngenkqubo yeFUNda Leader. Uya kuba sele ufumana ne*Kiti Yokuqalisa yeFUNda Leader* kwiwebhusayithi yethu. Iqulathe iingcebiso ngendlela ongalufumana ngayo uncedo lokwenza uMzantsi Afrika ufunde. Yifumane kwi-intanethi namhlanje, uqalise!

**WIN!**  
**WINA!**



For a chance to win some Book Dash books, write a review of the story, *Miss Helen's magical world* (pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12), and email it to [team@bookdash.org](mailto:team@bookdash.org), or take a photo and tweet us at [@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Remember to include your full name, age and contact details.

Ukuze ufumane ithuba lokuwina iincwadi zakwaBook Dash, bhala uphengululo lwebali, elithi, *Ihlabathi lemilingo likaNkszn Helen* (iphepha lesi-5, elesi-6, elesi-7, elesi-8, ele-11 nele-12), uze ulithumele ngeimeyile ku-[team@bookdash.org](mailto:team@bookdash.org), okanye thatha ifoto uze uyithumele nge-tweet kuthi ku-[@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Khumbula ukufaka igama lakho elipheleleyo, ubudala kunye neenkukacha zoqhagamshelwano.



## Collect the Nal'ibali characters



Cut out and keep all your favourite Nal'ibali characters and then use them to create your own pictures, posters, stories or anything else you can think of!

### About Gogo

**Grandchildren:** Neo, Mbali

**Languages she speaks:** isiZulu, isiXhosa, Sepedi, English and a little bit of French

**Favourite things to do:** reading, running a reading club on a Saturday afternoon for the children who live near her, and visiting friends

**Favourite colour:** yellow

**Favourite snack:** biscuits (with tea)

**Stories she likes:** romance novels and stories on the radio

## Qokelela abalinganiswa bakwaNal'ibali

Sika uze ugcin' abalinganiswa bakho obathandayo bakaNal'ibali ukuze ubasebenzisele ukuyila imifanekiso eyeyakho, iipowusta, amabali okanye nayiphi na enye into onokuyicinga!

### Malunga noGogo

**Abazukulwana:** uNeo, uMbali

**Iilwimi azithethayo:** isiZulu, isiXhosa, iSepedi, isiNgesi nentwanana yesiFrentshi

**Izinto athanda ukuzenza:** ukufunda, ukuqhuba iklabhu yokufunda emva kwemini ngemiGqibelo ukwenzela abantwana abahlala kufuphi kuye, nokutyel' abahlobo

**Owona mbala awuthandayo:** ngoty'heli

**Awona mashwamshwam awathandayo:** ziibhisikithi (neti)

**Amabali awathandayo:** ziinovel' zomxholo wothando kunye namabali erediyo

### Here's an idea ...

- ✂ Cut out and colour in the picture of Gogo. Write a title on the front cover of the book she is reading and then paste the picture on a large sheet of paper. Add other things to the picture to make it your own picture. Then write a caption for your picture.
- ✂ Write a few paragraphs of the story that Gogo is reading next to the picture of her.
- ✂ Keep the picture in a safe place and when you have collected all the Nal'ibali characters, use them to create your own Nal'ibali poster!



### Nalu uluvo ...

- ✂ Sika ze-ukhuphe wandule ukufaka imibala emfanekisweni kaGogo. Bhala isihloko kwiqweqwe elingaphambili lwencwadi ayifundayo uze unamathelise umfanekiso kwicwecwe elikhulu lephepha. Fakela ezinye izinto emfanekisweni ukuze ube ngumfanekiso ongowakho. Emva koko bhala ingcaciso ehambelana nomfanekiso wakho.
- ✂ Bhala imihlathi embalwa ecaleni komfanekiso ngebali elifundwa nguGogo.
- ✂ Gcina umfanekiso kwindawo ekhuselekileyo uze uthi wakuba uqokelele bonke abalinganiswa bakaNal'ibali, ubasebenzisele ukuyila ipowusta eyeyakho kaNal'ibali!

## Have you heard about the FUNda Sonke Loyalty Programme?

FUNda Sonke is a loyalty programme for everyone in the Nal'ibali network. It's Nal'ibali's way of saying "thank you" to those who have joined us in bringing the power of stories and reading to children. FUNda Sonke acknowledges the everyday heroes who generously volunteer their time to encourage and support reading in their communities. It is also a place for everyone to share their literacy experiences, successes and challenges, and to support one another.

### FUNda Sonke encourages you to:

- ✓ take part in regular literacy-based challenges that earn you points
- ✓ share your challenges and successes
- ✓ stay motivated to continue your literacy journey.

FUNda Sonke members can take part in our monthly literacy challenges, which will earn them points. These points can be used for rewards like books, airtime, subscriptions to the Nal'ibali Newspaper Supplement and special prizes. Join today and earn rewards while you are inspiring others!

### How do I register?

1. To register, you need an email address and a password.
2. Go to [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) and sign up by creating your profile.
3. You can start earning points as soon as you have joined the FUNda Sonke Loyalty Programme.



## Ukhe weva ngeFUNda Sonke Loyalty Programme?

IFUNda Sonke yinkqubo yokuzinikezela komntu wonke okuthungelwano lukaNal'ibali. Yindlela yokuthi "enkosi" kwabo bazibandakanye nathi ekudluliseni amandla amabali nokufundela abantwana. UFUNda Sonke uvuma igalelo lamaqhawe athi ntsuku zonke anikezele ngexesha lawo ukukhuthaza axhase ukufunda kubantu basekuhlaleni. Ikwayindawo yokuthi wonke ubani abelane ngamava elitheresi, ngempumelelo, ngemiceli mingeni, kwanokuxhasana omnye nomnye.

### UFUNda Sonke ukukhuthaza ukuba:

- ✓ uthi rhoqo uthatha inxaxheba kwimingeni enxulumene nelitheresi, ekuzuzela amanqaku
- ✓ wabelane nabanye ngemingeni neempumelelo zakho
- ✓ uhlale ukhuthazekile ekuqhubekeni nohambo lwakho lwelitheresi.

Amalungu eFUNda Sonke angathatha inxaxheba kwimingeni yelitheresi yanyanga zonke, eya kubazuzela amanqaku. La manqaku ungawatshintsha abe zizipho ezifana neencwadi, i-airtime, intlawulo yobulungu bohlelo lwePhephandaba likaNal'ibali namanye amabhaso akhethekileyo. Joyina namhlanje uze amanqaku ube ngaxeshanye uyimpembelelo kwabanye!

### Ndibhalisa njani?

1. Ukuze ubhalise, kufuneka ube nedilesi ye-imeyile kunye neenkukacha zokungena eziyimfihlo.
2. Ndwendwela ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) uze usayine ngokuthi uzenzele iprofayile.
3. Ungaqalisa uze amanqaku nje usakuba ujoyine iFUNda Sonke Loyalty Programme.

## Celebrate women!

In South Africa during August, we honour the role that women have played and still play in building democracy in our country. Here are some reading, writing and drawing activity ideas that you can use to create opportunities for children to think about the influence women have on their lives. Choose the ones that are best suited to your children's ages and interests.

- ★ Read the story, *Miss Helen's magical world* in this edition of the Nal'ibali Supplement and then find other stories about strong women to read during the month. (We have featured cut-out-and-keep books about women in past editions of the supplement. You can download them for free from the Nal'ibali website – [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org). Look for these editions: 72, 113, 126, 128 and 142.)
- ★ Write a letter to a woman that you admire. (It can be someone you know or someone you have just read or heard about.) Tell her about the difference she has made in your life.
- ★ Write down all the words that come to mind when you think of strong women. Use these words, together with pictures from newspapers and magazines, and your own drawings to create a poster that shows your understanding of what it means to be a strong woman.
- ★ Write down favours for a woman in your life who inspires you and/or who you really appreciate. Cut up some paper or thin cardboard to make 10 blank cards that are about 10 cm x 4 cm big. Write a different favour on each card. (A favour can be something small, like: **Make a cup of tea every morning for a week**, or **Give a foot massage**, or anything else you know she will enjoy! Add one or two open favours, like: **Choose your own favour**.) Give the pack of favours to the woman you chose so that she can enjoy these favours during Women's Month.

## Bhiyozelani abasetyhini!

EMzantsi Afrika ngeyeThupha, sinika imbeko kwabasetyhini ngendima abayidlalileyo naleyo basayidlala ngoku ekwakhiweni kwedemokhrasi kwilizwe lethu. Nazi ezinye izimvo ngemisebenzi yokufunda, ukubhala nokuzoba onokuzisebenzisa ukudala amathuba anokuxhanyulwa ngabantwana ukuba bacinge ngefuthe abanalo abasetyhini ebomini babo. Khethe ezo zibufanele kakhulu ubudala babantwana bakho nemidla yabo.

- ★ Funda ibali elithi, *Ihlabathi lemilingo likaNkszn Helen* kolu papasho loHlelo lukaNal'ibali uze ufumane amanye amabali okufunda ngale nyanga malunga nabasetyhini abomeleleyo. (Sisebenzise ezinye zeencwadi onokuzisika-ze-uzigcine ezimalunga nabasetyhini zopapasho lwexesha elidlulileyo lolu hlelo. Unakho ukuzikopa simahla kule webhusayithi kaNal'ibali – [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org). Khangela ezi zihlandlo zopapasho: olwama-72, olwe-113, olwe-126, olwe-128 nolwe-142.)
- ★ Bhalela owasetyhini omthandayo ileta. (Kusenokuba ngumntu omaziyo okanye osandul'ukufunda okanye ukuva ngaye). Mxelele ngomahluko awenze ebomini bakho.
- ★ Bhala phantsi onke amagama afika engqondweni yakho xa ucinga ngabasetyhini abomeleleyo. Sebenzisa la magama, kunye nemifanekiso evela kumaphephandaba nakwiimagazini, kananjalo nemizobo yakho ukuze uyile ipowusta ebonisa ingqiqo yakho yokuba kuthetha ntoni na ukuba ngowasetyhini owomeleleyo.
- ★ Bhala phantsi izenzo zobubele ezibhekisa kowasetyhini osebomimi bakho okukhuthazayo futhi/okanye onombulelo ngenene kuye. Sika iphepha okanye ikhadibhodi ecekethekileyo ukuze wenze ikhadi ezingenanto ezimalunga neesentimitha ezili-10 x ezi-4 ubukhulu. Bhala isenzo sobubele esahlukileyo kwikhadi nganye. (Isenzo sobubele sinokuba yinto encinane, efana nale: **Ukwenza ikomityi yeti qho kusasa iveki yonke**, okanye **Ukumphulula iinyawo**, nayiphi na enye into oyaziyo ukuba uya kuyithanda! Fakela sibe sinye okanye zibe zibini izenzo zobubele ezicacileyo, ezifana nezi: **Khethe esakho isenzo sobubele**.) Nika owasetyhini omkhetheleyo umqulu wezenzo zobubele ukuze azonwabele ngeNyanga yaManina ezi zenzo zobubele.



### Create TWO cut-out-and-keep books

#### Little and big

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

#### Miss Helen's magical world

1. To make this book use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



### Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

#### Encinci nenkulu

1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 lolu hlelo.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Lisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcama yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.

#### Ihlabathi lemilingo likaNkszn Helen

1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha lesi-5, elesi-6, elesi-7, elesi-8, ele-11, nele-12.
2. Faka iphepha lesi-7 nelesi-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha la.
3. Wasonge la maphepha phakathi kumgcana ongamachaphaza amnyama.
4. Wasonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcama yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.





Ngobusuku awasweleka ngabo umama wakhe, uHelen wahgcina likhanyisa ikhandlela ngasebhedini yakhe ubusuku bonke. Ngancedo loko kukhanya kuncinane, uHelen wayengaziva eboyika kangako ubumnyama.

Uhlen wayengonwabanga. Umama wakhe wayegula kakhulu, ukanti utata wakhe yena waye ngu-chiki. Wasuka wakhetla ukuba yedwa. Abantu babcinga ukuba akaphleki.

The night her mother died, Helen kept a candle burning beside her bed all night. With the help of that little light, Helen didn't feel so afraid of the dark.

Helen was not happy. Her mother was so ill, and her father was so grumpy. She kept to herself. People thought she was strange.



Lots more free books at [bookdash.org](http://bookdash.org)


Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your imagination



Miss Helen's magical world  
Ihlabathi lemilingo likaNkszn Helen

Jacqui L'Ange • Wendy Morison • Nadene Kriel



Uath i akugula kakhulu umama wakhe, uHelen wenza isigqibo sokuba lalifikile ixesha lokubuyela ekhaya.

UHelen noJohannes batshata. Baya kwidolophu ezininzi ezahluka-hlukileyo, befundisa futhi bedlala imidlalo yeqonga. UHelen wacenga ukuba mhlawumbi kungamlungela ukupalisa ngosapho, njengoko badenze njalo oodadewabo. Kodwa kwakungazi kuba njalo. Yena nomveni wakhe babesoloko besilwa.

When Helen's mother became very ill, she decided it was time to go back home.

Helen and Johannes got married. They travelled to many different towns, teaching and performing plays. Helen thought she might start a family, like her sisters had done. But it was not to be. She and her husband were always fighting.



UHelen wenza isigqibo sokuba ufuna ukukhanya ebomini bakhe. Wagala ngokutshintsha indawo akuyo. Kodwa wayedinga abancedisi. Amadoda amathathu aseIhini, uJonas Adams, uPiet van der Merwe noKoos Malgas, benza izinto awayezicinga ngeengcingo nangesamente.

Helen decided she wanted brightness in her life. She began by changing the space around her. But she needed helpers. Three men from the village, Jonas Adams, Piet van der Merwe, and Koos Malgas, made the things she imagined out of wire and cement. She filled her back garden with interesting creatures. There were sphinxes and camels, mermaids and cats. And lots and lots of owls! She called it her camel yard. On the fence she made a wire sign. It said: "This is my world".

Wazalisa isitya sakhe emva kwendlu ngezidalwa ezazitsala umdla. Kwakukho abantu abanemizimba yeenqonyama neenkamela, oomamlambo neekati. Kwakukho inqwaba yezikhova! Wayesithi iyadi yakhe yeenkamela. Ecingweni wenza uphawu olungumbhalo ngocingo. Lwalusithi: "This is my world" (Eli ihlabathi lam).



Meet my friend, Helen. She was born in a little Karoo town called Nieu Bethesda. There was not much going on in this town. But she made a whole world here. She even made me. And she named her house after me. It is called "The Owl House".

Ndikwazisa umhlobo wam, uHelen. Wazalelwa kwidolophu encinane kwiKaroo ebizwa ngokuba yiNieu Bethesda. Kwakungekho nto ingako yenzekayo kule dolophu. Kodwa yena wenza ihlabathi elipheleleyo apha. Wade wenza nam. Indlu yakhe wayithiya ngam. Ibizwa ngokuthi "The Owl House" (Indlu yeziKhova).



**About Miss Helen**

Miss Helen's real name was Helen Martins. She was an artist who made her imaginary world real. A lonely woman living in a small town, she travelled to faraway places in her mind. She turned her home and garden into a magical creative space.



Now, Miss Helen's "Owl House" in Nieu Bethesda in the Eastern Cape, is a National Monument. Many people travel to her home every year to sit in her camel yard among the statues of pilgrims, mermaids, owls and other animals, and to walk through the glittering glass walls inside the house.

**Malunga noNkszn Helen**

Igama lenene likaNkszn Helen nguHelen Martins. Wayeyingcali yezobugcisa eyenza ihlabathi leengcingane libe lelenene. Owasetyhini othandekayo owayehlala kwidolophu encinane, wakhenketha esiya kwiindawo ezikude ngokwengcingane yakhe. Watshintsha ikhaya lakhe nesitya zaba yindawo yoyilo ngokwemilingo.

Ngoku, i"Owl House" (Indlu yeziKhova) kaNkszn Helen eNieu Bethesda eMpuma Koloni, liLitye lesiKhumbuzo leSizwe. Baninzi abantu abatyelela ikhaya lakhe kuyo yonke iminyaka bahlale eyadini yeenkamela phakathi kwemifanekiso eqingqiweyo yabahambi ngonqulo, oomamlambo, izikhova nezinye izilwanyana, bahambe phakathi kweendonga ezimenezela yiglasa phakathi endlwini.







But when she closed her eyes for the last time, Miss Helen didn't see darkness. She saw the sun and the moon and the stars. She saw wise men and mermaids, camels and cats, acrobats and owls with big brown glittering glass eyes.

And we still stand here today, just the way she left us, in the garden she made, looking east.

Kodwa wathi xa evala amehlo akhe kwilixa lokugqibela, uNkszn Helen akabona bumnyama. Wabona ilanga nenyanga neenkwenkwezi. Wabona amadoda azizilumko noomamlambo, iinkamela neekati, abantu abanemizimba ethambileyo nezikhova ezinamehlo eglasi amakhulu antsundu namenezelayo.

Kaloku nanamhla oku sisemi apha, nje ngendlela awayesishiye ngayo, esitiyeni awasenzayo, esijonge empumalanga.





Most of Helen's nine brothers and sisters were grown up and gone by the time she arrived. But she still had her sisters, Annie and Alida. Helen didn't have many friends in the village, but she didn't mind. From the start, Helen did things differently from most people.


After her sisters left home, Helen lived alone with her parents. She loved her mother, but she hated her father. Everyone agreed he was a very strange man.

Her big sister Alida travelled all over the world. One day she sent Helen a postcard from Egypt. In her mind Helen saw princes and pyramids and camels in the sand.

Uninzi lwabantakwabo Helen noodadewabo babekhulile futhi sebehambile ngelixa lokufika kwakhe. Kodwa wayesenabo oodadewabo, uAnnie noAlida. UHelen wayengenabahlobo baninzi elalini, kodwa kwakungamkhathazi oko. Kwasekuqaleni, uHelen wayesenza izinto ngendlela eyahlukileyo xa kuthelekiswa nabantu abaninzi.

Emva kokuba bendulukile oodadewabo, uHelen wasala yedwa nabazali bakhe. Wayethanda umama wakhe, kodwa emthiyile utata wakhe. Wonke umntu wayevuma ukuba uyindoda engaqhelekanga kakhulu.

Udadewabo omdala uAlida wayekhenketha kulo lonke ihlabathi. Ngenye imini wathumela uHelen iposikhadi evela eYiphutha. Engcingeni yakhe uHelen wabona inkosana neephiramidi kunye neenkamela esantini.



The garden grew and grew, until there was hardly space left for any more creatures.

Miss Helen was tired now. Her hands were stiff and sore. Her eyes were going blind from working with tiny bits of glass.

She wasn't afraid of being alone, but she was still afraid of the dark. And her world was getting darker and darker. She knew that soon she wouldn't be able to see anything at all.


Isitiya sakhula, sakhula, kwade akwabikho sithuba sishiyekileyo sokubeka ezinye izidalwa.

UNkszn Helen waqalwa kukudinwa. Izandla zakhe zaba neenkantsi zabuhlungu. Amehlo akhe ayengasaboni kakuhle ngenxa yokusebenza ngamasuntswana amancinane eglasi.

Wayengakoyiki ukuba yedwa, kodwa wayesaboyika ubumnyama. Kanti ihlabathi lakhe laqala ukuba mfiliba laya ngokuba mfiliba. Wayesazi ukuba kungekudala wayengazi kubona kwanto.



Incwadi encinci,  
Incwadi enkulu.  
Little book, big book.



Ibhokhwe encinci,  
Ibhokhwe enkulu.  
Little goat, big goat.



Reproduced by kind permission of The Little Hands Trust and the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA). To find out more about PRAESA, go to [www.praesa.org.za](http://www.praesa.org.za).

Ipapashwe ngokutsha ngemvume yabakwaThe Little Hands Trust neProject for the Study of Alternative Education in South Africa (iPRAESA). Ukuze ufumane ulwazi oluthe vetshe ngabakwaPRAESA, ndwendwela ku-[www.praesa.org.za](http://www.praesa.org.za).



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)




UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendeliselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your imagination

# Little and big Encinci nenkulu



Carole Bloch  
Vian Oelofsen  
Ntombizanele Nkence




Little hands, **big** hands.  
 Izandla ezincinci,  
 izandla ezikhulu.


Uncuno oluncinci, uncuno olukhulu.



Little smile, **big** smile.


Little hat, **big** hat.  
 Umnqwazi omncinci,  
 umnqwazi omkhulu.





Helen loved books and stories so much that she decided to become a teacher. She was very good at it too. But then she met Johannes Pienaar. He was also a teacher, and a writer and actor. He convinced her to run away with him.


UHelen wayezithanda iincwadi namabali kakhulu kangangokuba wenza isigqibo sokuba ngutitshala. Wayeyincutshhe nakulo msebenzi. Wasuka wadibana noJohannes Pienaar. Naye wayengutitshala, umbhali nomdlali wemidlalo yeqonga. Wamqinisekisa ukuba ufanele ukugcagca naye.




During the day Helen made sculptures. She also collected glasses and mirrors, candles and lamps. Anything that would shine. She put lanterns in every room. Mirrors caught and reflected the light. She covered the walls in tiny pieces of glittering glass so that the walls could shine too.

After Helen's father died, she had the house to herself. Each night she slept in a different room. She would always choose the one with the best view of the moon and the stars.

Emini uHelen wayesenza imikrolo. Wayephinda aqokelele iglasi nezipili, amakhandlela nezibane. Nayiphi na into enokukhazimla. Wayebeka ilanteni egumbini ngalinye. Izipili zazifunxa ukukhanya ezaziphinda zikhanyise ngako. Wagquma iindonga ngeentwana zeglasi ukuze iindonga zimnyezele nazo. Emva kokusweleka kukatarata kaHelen, indlu yaba yeyakhe. Ngobusuku ngabunye wayetshimsha alale kwelinye igumbi. Wayesoloko ekhetha elimbonisa ngokuthe gcaa inyanaga neenkwenkwezi.





As she grew older, Helen read more stories of faraway places. She especially liked poems from Persia in the Middle East. She dreamed of visiting the ocean one day. She kept a seashell on her bedside table, and imagined she could hear the sound of waves inside it. But of course, owls were always her favourite things of all!

Wathi akukhula uHelen, wafunda amabali amaninzi ngeendawo ezikude. Wayithanda ngakumbi imibongo evela ePersia kwiMpuma eseMbindini. Ngenye imini waphupha enotyelelo oluya kulwandlekazi. Wagcina unokrwece kwitafle engasebhedini yakhe, waze wanengcingane ngokungathi uyasiva isandi samaza phakathi kwakhe. Kodwa ngokuqinisekileyo, wayethanda izikhova ngaphezu kwazo zonke ezinye izinto!




The people of Nieu Bethesda would walk past Helen's garden and marvel at the creatures in it. Some of the village children brought her glass bottles for her sculptures and called her "Miss Helen". She always thanked them with sweets. Others were not so friendly. They called her names and threw stones on her roof.

Miss Helen spent all her money on glass and cement. She lived on bread and black tea. In her diary she wrote: "In my loneliness I am happy."

Abantu baselNieu Bethesda xa beqitha kwisitaya sikaHelen babuka izidalwa ezikuso. Abanye abantwana baselalini babemzisa iibhotle zeglasi ukwenzela imikrolo yakhe. Futhi babembiza ngokuthi "Nkszn Helen". Wayesoloko ebadulela ngeelkese. Kodwa abanye babengenabudbele. Babemnike amagama okumenyela bephosa namatye phezu kopahlala lwendlu yakhe.

UNkszn Helen wayechitha yonke imali yakhe ethenga iglasi nesamente. Wayephila ngesonka neti emnyama. Kwidayari yakhe wayebhale wathi: "Phakathi kwesithukuthezi sam ndonwabile."



## Get story active!

Here are some activities for you to try. They are based on all the stories in this edition of the Nal'ibali Supplement: *Miss Helen's magical world* (pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12), *Little and big* (pages 9 and 10) and *Nomsa's shopping list* (page 14).



## Yenza ibali linike umdla!

Nantsi eminye imisebenzi onokuyizama. Isekwe kuwo onke amabali kolu papasho loHlelo lukaNal'ibali: *Ihlabathi lemilingo likaNkszn Helen* (iphepha lesi-5, elesi-6, elesi-7, elesi-8, ele-11 nele-12), *Encinci nenkulu* (iphepha le-9 nele-10) nethi *Uluhlu lokuzakuthengwa lukaNomsa* (iphepha le-15).

### Miss Helen's magical world

Helen Martins loved different coloured glass. She cut the glass into thousands of tiny pieces and then glued these to the walls inside her home to decorate them. Each room had walls of a different colour and when the sunlight shone on them, they glistened! Here's an easy way to use colour and light to decorate a window.

You will need:

- \* wax paper (that we use to wrap sandwiches)
- \* old crayons
- \* a grater
- \* an iron
- \* some newspaper
- \* scissors
- \* Prestik



1. Stack about 10 sheets of newspaper one on top of the other. Place the stack on a table to protect the surface of the table.
2. On another sheet of newspaper, grate a few crayons. Keep the colours separate so that you have small piles of different colours.
3. Cut two sheets of wax paper to the same size – about the size of an A4 sheet of paper.
4. Lay one sheet of wax paper on top of the stack of newspaper with the waxy side facing upwards.
5. Sprinkle the grated crayons onto the sheet of wax paper. Make sure that you keep the colours separate.
6. Put the other sheet of wax paper on top, with the waxy side facing down.
7. Fold a few sheets of newspaper on top of the wax paper. Now iron it lightly until the crayon melts.
8. When the wax paper has cooled, draw a shape on one side and cut it out.
9. Use Prestik to stick the shape onto a window and watch how the light shines through it!

### Ihlabathi lemilingo likaNkszn Helen

UHelen Martins wayethanda iiglassi zemibala eyahluka-hlukileyo. Wayesika iglassi ibe ngamacebana amancinane angamawaka aze awanamathisele ezindongeni ngeglu phakathi kwekhaya lakhe ukuze azihombise. Igumbi ngalinye lalineendonga zemibala eyahluka-hlukileyo ukuze xa ukukhanya kwelanga kuzikhazimisa, zibengezele! Nantsi indlela elula yokusebenzisa imibala nokukhanya ekuhombiseni ifesitile.

Uya kudinga:

- \* iphepha elinamafutha elenzelwe ukungaphumeli manzi (elisetiyenziselwa ukusongela izilayi zezonkana)
- \* isixhobo sokutshweza iayini iphephandaba izikere iPrestiki



1. Dibanisa malunga namacwecwe ali-10 amaphephandaba, elinye phezu kwelinye. Beka amacwecwe etafileni ukuze kukhuseleke umphezulu wetafile.
2. Kwelinye icwecwe lamaphephandaba, tshweza iikhrayoni ezimbalwa. Gcina imibala yahlukanisiwe ukuze ube neemfumba ezincinane zemibala eyahluka-hlukileyo.
3. Sika amacwecwe amabini alinganayo ephepha elinamafutha elenzelwe ukungaphumeli manzi – malunga nobukhulu becwecwe lephepha le-A4.
4. Yandlala icwecwe elinye lephepha elinamafutha elenzelwe ukungaphumeli manzi phezu kwesicuku samaphephandaba apho icala elinamafutha lijonga phezulu.
5. Sasaza iikhrayoni ezitshwezilweyo kwicwecwe lephepha elinamafutha elenzelwe ukungaphumeli manzi. Qiniseka ukuba uyigcina yahlukanisiwe imibala.
6. Beka elinye icwecwe lephepha elinamafutha elenzelwe ukungaphumeli manzi ngaphezulu, apho icala elingangeni mafutha liqutyudiweyo.
7. Songa amacwecwe amaphephandaba ngaphezulu kwephepha elinamafutha elenzelwe ukungaphumeli manzi. Ngoku liayine kancinane kude kunyibilike iikhrayoni.
8. Xa iphepha elinamafutha elenzelwe ukungaphumeli manzi lipholile, zoba imilo kwicala elinye wandule ukulisika ze-ulikhuphe.
9. Sebenzisa iPrestiki ukuncamathisela imilo efesitileni uze ujonge indlela ukukhanya okuphumela ngayo ngaphaya!



### Little and big



- \* With your children, look closely at the pictures. Can they find the little and big things in each picture?
- \* Look at the pictures again. With your children, tell the story that is shown in the bigger pictures. Encourage your children to give the characters names. Talk about what the goats are doing in each scene. Ask, "What would you do if some goats came along and disturbed you? What would you say to them?"
- \* Staple a few blank pages together and let your children create their own books about the concepts "little" and "big" by writing and drawing their own pictures. Help younger children by writing the words they tell you for each picture. Let older children write what they want to. Encourage them to read their finished books to each other, and to you!

### Encinci nenkulu

- \* Wena nabantwana bakho, qwalaselani ngokuqaphela imifanekiso. Bangakwazi ukufumana izinto ezincinci nezinkulu emfanekisweni?
- \* Jongani imifanekiso kwakhona. Wena nabantwana bakho, balisani ibali eliboniswa emifanekisweni emikhudlwana. Khuthaza abantwana bakho ukuba bathiye abalinganiswa babo amagama. Thethani ngokwenziwa ziibhokhwe kumboniso ngamnye. Buza, "Beninokwenza ntoni xa iibhokhwe ezithile zisiza kuni zize ziniphazamise? Ningathini kuzo?"
- \* Hlanganisa ngesiteyiphile amaphepha ambalwa angabhalwanga nto uze uyalele abantwana bakho ukuba benze iincwadi zabo ngale mixholo "okuncinci" kananjalo "okukhulu" ngokubhala nangokuzoba imifanekiso yabo. Ncedisa abantwana abancinane ngokubhala amagama abakuxelela wona ngomfanekiso ngamnye. Abantwana abadadlala mababhale abakufunayo. Bakhuthaze ukuba bafundelane iincwadi zabo ezigqityiweyo, bafundele nawe!

### Nomsa's shopping list

- \* Talk about the story. Ask your children, "What do you think might have happened if Mandisa had been on her own when she lost the list? How could she have worked out what she had to buy?" Encourage your children to share as many different ideas as they can – there are no right or wrong answers!
- \* Together with your children, write down the shopping list items from the story. Then write a list of all the different things you could make using these ingredients. Suggest that your children write down the recipe for the item they would most like to eat, and/or to draw a picture of it.



### Uluhlu lokuzakuthengwa lukaNomsa

- \* Thetha ngebali. Buza abantwana bakho, "Ncinga ukuba ngekwakwenzeke ntoni kuMandisa ukuba wayeyedwa ngoku alahlekwa luhlu? Ngewayenze njani ukwazi izinto amakazithenge?" Khuthaza abantwana bakho ukuba babelane kangangoko ngezimvo zabo – akukho zimpendulo zichanekileyo okanye ezinxahileyo!
- \* Nikunye nabantwana bakho, bhalani uludwe lwezinto ezifanele ukuthengwa ezisebalini. Emva koko bhala uludwe lwazo zonke izinto ezahluka-hlukileyo eninokuzenza ngokusebenzisa ezo zithako. Cebisa abantwana bakho ukuba babhale iresipi yento abanqwenela ukuyitya, kunye/okanye bazobe umfanekiso wayo.



# Nomsa's shopping list



By Cicely van Straten ■ Illustrations by Vian Oelofsen

Nomsa was watching her big sister, Mandisa, make a necklace.

Their mother called from the kitchen, "Mandisa, please go to the shop for me. Here is the shopping list."

Mandisa read the shopping list, "Bread, margarine, peanut butter, apricot jam, flour, eggs, sugar, milk, tea and salt. I'll need two bags for all this."

Nomsa hopped up and down. "Can I come too? Please can I come?" She had some money saved. She loved the big round orange sweets at the shop.

"Do you have to?" Mandisa sighed. She was twelve and Nomsa was six and sometimes she got tired of her little sister tagging along behind her. "You'll have to help me carry the shopping then."

"I will, I will!" promised Nomsa. "Read the list again, I want to hear what we have to get."



"Bread, margarine, peanut butter, apricot jam, flour, eggs, sugar, milk, tea and salt," read Mandisa as Nomsa counted the items on her fingers. Ten items, one for each finger. Nomsa could not read yet, but she was good at remembering things.

The sisters went out into the street.

The wind was blowing! It flapped their clothes and it sent the litter in the street racing and tumbling around their feet. As they passed the hair salon in Mrs Ngubane's garage they saw Fezeka and Phumla having their hair braided. Mrs Ngubane was very clever at braiding. Fezeka and Phumla were Mandisa's best friends.

"Yoh, you look good!" Mandisa said when she went into the hair salon to look at the new style in braiding. It was very smart.

"You're wearing a new shirt," Mandisa said to Fezeka. She bent over and felt the material between her fingers. "Where did you find this?"

Nomsa sighed. She wanted to get to the shop quickly. But all Mandisa thought about these days was clothes and hair and shoes.

"I love your new necklace, Phumla!" said Mandisa bending over to touch her friend's new necklace. Then, oh-oh! The wind snatched the shopping list out of Mandisa's hand! It flew away over the wall, then over the roof next door. It was gone, gone, gone! Absolutely and completely gone!

"Now I'm in trouble," said Mandisa as she put her hand over her mouth. "I'll have to go home and ask Mama for a new list and she'll be cross!"

"You don't have to! I can remember the shopping list," said Nomsa hopping up and down. "I can remember everything." She held up her hands and counted the items on her ten fingers. Each finger was something from the shopping list. "Bread, margarine, peanut butter, apricot jam, flour, eggs, sugar, milk, tea and salt!" she said.

Mandisa looked surprised. "Well done, Sisi! I'm glad you came with me. Let's get to the shop quickly and buy those things. Otherwise Mama is going to be cross."

When they got to Mambhele Cash Store, Mandisa asked for all the things that Nomsa had remembered on her ten fingers and she put the things in the shopping bags. Nomsa stared at the big bottle of orange sweets and the bottle of jelly babies near the till. She took her money out and gave it to Mandisa. She pointed at the sweets she wanted and Mandisa bought them. Mandisa added a red lollipop as well.

"That's for saving me from getting into trouble," said Mandisa. "I know you like red lollipops."

They each carried a shopping bag home and Nomsa sucked her red lollipop.

At home, they unpacked the shopping bags on the kitchen table and Mandisa asked, "Mama, can I make pancakes for supper tonight?" She knew Nomsa loved pancakes.

"Yes," said their mother. "I have a lot of school work to mark this afternoon. It would really help me if you made supper."

Together Nomsa and Mandisa mixed flour, eggs, milk, sugar and a little salt for pancakes. They let the mixture stand for an hour. Then they made pancakes and pancakes and more pancakes. The kitchen smelt so good!

When Papa came home, he went straight to the kitchen. "My nose is telling me that we are having pancakes for supper! And I see that my two daughters are the cooks. What are you going to put inside them?" he asked.


"There's some mince left over from yesterday. We can use that," said Mandisa.

"And there's also apricot jam. Apricot jam is my favourite in the whole world!" said Nomsa hopping up and down.

"Mine too," said Papa and he laughed.

When Mama came into the kitchen, she clapped her hands. "Well done, my daughters!" she said.

The pancakes were delicious. "I can remember the ingredients for the recipe," Nomsa said. She held up her hand and counted them on her five fingers, "Flour, eggs, milk, sugar and a little salt!"



Her father laughed and patted her shoulder. "My clever little girl!" he said. "Maybe I should use my fingers to remember things too!"



# Uluhlu lokuzakuthengwa lukaNomsa

Libali likaCicely van Straten ■ Imifanekiso izotywe nguVian Oelofsen  
 ■ Liguqulelwe esiXhoseni nguSindiswa Mbokodi



UNomsa wayebukele udadewabo omdala, uMandisa, esenza isihombiso sentamo.

Umama wabo wakhwaza esekhithshini, "Mandisa, nceda undiyele evenkileni. Nalu uluhlu loko oza kukuthenga."


UMandisa walufunda uluhlu loko aza kukuthenga, "Isonka, imajarini, ibhotolo yamandongomane, ijam ye-aprikoti, umgubo wengqolowa, amaqanda, iswekile, ubisi, iti netyuwa. Ndiza kudinga iingxowa ezimbini zokufaka konke oku."

UNomsa wangcileza etsiba-tsiba. "Ndingeza nam? Ndiyacela ndingenza?" Wayenemadlana awayeyongile. Wayezithanda iiswiti ezinkulu ezingqukuva ezimthubi evenkileni.

"Unyanzelekile?" uMandisa waba nesingqala. Wayeneminyaka elishumi elinesibini, ekaNomsa imithandathu yaye ngamanye amaxesha uMandisa wayedikwa ngudadewabo omncinci olandelana naye. "Kuza kufuneka undincedise ukuthwala ezi zinto ke."

"Nakanjani, nakanjani!" wathembisa uNomsa. "Ndicela ufunde uluhlu kwakhona, ndifuna ukuwa ukuba zintoni na esiza kuzithenga."

"Isonka, imajarini, ibhotolo yamandongomane, ijam ye-aprikoti, umgubo wengqolowa, amaqanda, iswekile, ubisi, iti netyuwa," wafunda uMandisa logama uNomsa abala izinto ngeminwe. Zilishumi izinto eziza kuthengwa, into nganye imelwe ngumnwe omnye. UNomsa wayengekakwazi ukufunda, kodwa wayabalasele ngokukhumbula izinto.



Umntu nodade wabo baphuma bangena esiratweni. Umoya wawuvuthuza ngamandla! Wabhenguza iimpahla zabo wasakazela inkunkuma eyayisesiratweni ezinyaweni zabo. Xa bedlula ngakwisaluni yokwenza iinwele esegaraji kaNkosikazi Ngubane, babona uFezeka noPhumla bephothwa iinwele. UNkosikazi Ngubane wayeyincutshe ekuphotheni. UFezeka noPhumla babengabahlabo abasenyongweni bakaMandisa.

"Yhu, anisebahle!" watsho uMandisa akungena esaluni eyokubona uhlobo olutsha lokuphatha. Lwaluluhle isimanga.

"Unxibe ihempe entsha," watsho uMandisa kuFezeka. Wagoba ehlikihla ilaphu layo ngeminwe. "Uyifumene phi ke le?"

UNomsa waba nesingqala. Wayefuna ukuya kufika evenkileni ngokukhawuleza. Kodwa into awayecinga ngayo uMandisa kwezi ntsuku yayizimpahla neenwele nezihlangu.



"Ndiyathanda isihombiso sakho sentamo, Phumla!" watsho uMandisa egoba ukuya kuphatha isihombiso esitsha sentamo somhlobo wakhe. Kanye ngelo xesha, yhooh! Umoya waluxhwila uluhlu lokuzakuthengwa esandleni sikaMandisa! Lwabhabhela ngaphaya kothango, lwabhabha phezu kophahla lomzi osebumelwaneni. Lwalumkile, lahlekiyane, shwaka! Lwaluphaphathekile lumke mpela, tu!

"Ngoku ndisengxakini," watsho uMandisa ebeka isandla sakhe emlonyeni. "Kuza kufuneka ndigoduke ndiyokucela uMama andinike olunye uluhlu kodwa uza kucaphuka!"

"Akunyanzelekanga! Ndiyakhumbula ukuba kukho ntoni kuluhlu," watsho uNomsa engcileza etsiba-tsiba. "Ndizikhumbula zonke izinto." Waphakamisa izandla zakhe wazibala izinto ebezikuluhlu ngeminwe yakhe yolishumi. Umnwe ngamnye wawumele into ebikuluhlu lwezinto eziza kuthengwa. "Isonka, imajarini, ibhotolo yamandongomane, ijam ye-aprikoti, umgubo wengqolowa, amaqanda, iswekile, ubisi, iti netyuwa!" watsho.

UMandisa wakhangeleka emangalisiwe. "Wenze kakuhle, Sisi! Ndiyavuya uhambe nam. Masiye evenkileni ngokukhawuleza size sizithenge ezo zinto. Kungenjalo uMama uza kuqumba."

Bathi bakufika kwaMamBhele Cash Store, uMandisa wathenga zonke izinto uNomsa awayezikhumbule eminweni yakhe elishumi waza wazifaka kwiingxowa zokuphatha. UNomsa wajonga kwibhotile enkulu yeeswiti ezimthubi nakwibhotile yeeswiti ii-jelly

babies ezazikufutshane nethili. Wakhupha imali wayinika uMandisa. Wakhomba iiswiti awayezifuna waza uMandisa wazithenga. UMandisa wongeza nesitok'switi esibomvu.

"Leyo yeyokundisindisa ekungenezi engxakini," watsho uMandisa. "Ndiyakwazi uyazithanda izitok'switi ezibomvu."

Elowo wathwala ingxowa eneempahla ezithengiweyo bagoduka wabe uNomsa emunca isitok'switi sakhe esibomvu.

Ekhaya, bakhuphela iimpahla ezisengxoweni phezu kwetafile yasekhithshini waza uMandisa wabuza, "Mama ndingenza iipenkeyiki eziza kutyiwa ngesidlo sangokuhlwa namhlanje?" Wayesazi ukuba uNomsa uyazithanda iipenkeyiki.

"Ewe," watsho umama wabo. "Ndinomsebenzi omninzi wesikolo wokumakisha kule njikalanga. Ingandinceda kakhulu into yokuba nenze isidlo sangokuhlwa."

Bobabini uMandisa noNomsa baxuba umgubo wengqolowa, amaqanda, ubisi, iswekile nentwana yetyuwa ukwenza iipenkeyiki. Bawuyeka umxube ukuba unyuke bawulinda iyure. Emva koko benza iipenkeyiki ezinye iipenkeyiki nezinye iipenkeyiki zininzi iipenkeyiki. Ikhithshi lalinuka kamnandi kakhulu!

Akufika ekhaya uTata, wangqala ngqo ekhithshini. "Impumlo yam indixelela ukuba siza kutya iipenkeyiki ngokuhlwa nje! Ndaye ndiyabona ukuba iintombi zam zombini ngabapheki. Niza kuhlohla ntoni kuzo?" wabuza.

"Kukho inyama esiliweyo ebisele izolo. Singasebenzisa yona," watsho uMandisa.

"Yaye ikhona nejam ye-aprikoti. Ijam ye-aprikoti yeyona ndiyithandayo emhlabeni wonke!" watsho uNomsa engcileza etsiba-tsiba.

"Nam ngokunjalo," watsho uTata ehleka.

Akungena ekhithshini uMama, waqhamba izandla. "Nenze kakuhle, zintombi zam!" watsho.

iipenkeyiki zazimnandi. "Ndingazikhumbula izithako zokuzenza," watsho uNomsa.

Waphakamisa isandla sakhe wazibala kwiminwe yakhe emihlanu, "Umgubo wengqolowa, amaqanda, ubisi, iswekile nentwana yetyuwa!"



Utata wakhe wahleka wammambazela egxalabeni. "Ntombi yam encinci ekrelekrele!" watsho. "Mhlawumbi nam kufuneka ndisebenzise iminwe ukukhumbula izinto!"

# Nal'ibali fun

## Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



### 1. Spot the difference!

Can you find **6** differences between these two pictures?

### Chonga umahluko!

Ungakwazi ukubona izinto ezi-**6** eyahluke ngazo le mifanekiso mibini?

A



B



### 2. Be a word detective!

Use these clues to find the words in the cut-out-and-keep book, *Miss Helen's magical world*.

- A South African province \_\_\_\_\_
- A South African town \_\_\_\_\_
- A country \_\_\_\_\_
- A bird \_\_\_\_\_
- Two more animals \_\_\_\_\_
- Two girls' names \_\_\_\_\_
- Something made from wax that you light \_\_\_\_\_
- Something you eat \_\_\_\_\_
- These are found in the sea \_\_\_\_\_
- Two feelings \_\_\_\_\_
- Something you use to build with \_\_\_\_\_
- Something you can see yourself in \_\_\_\_\_
- Two things that are human-made that give light \_\_\_\_\_
- Three things you find in the sky \_\_\_\_\_

**Answers:** 2.a. Eastern Cape, b. Nieu Bethesda, c. Egypt/Persia, d. owl, e. camel, cat, f. any two: Helen, Annie, Alida, g. candle, h. bread/sweets, i. waves/shells, j. any two: happy, grumpy, afraid, k. cement, l. mirror, m. any two: candle, lamp, lantern, n. sun, moon, stars



### Yiba ngumcuphi wamagama!

Sebenzisa ezi zitshixo ukufumana amagama kwincwadana onokuyisika-ze-uyigcine ethi, *Ihlabathi lemilingo likaNkszn Helen*.

- Iphondo laseMzantsi Afrika \_\_\_\_\_
- Idolophu yaseMzantsi Afrika \_\_\_\_\_
- Ilizwe \_\_\_\_\_
- Intaka \_\_\_\_\_
- Izilwanyana ezibini ngaphezulu \_\_\_\_\_
- Amagama amantombazana amabini \_\_\_\_\_
- Into eyenziwe ngamafutha aqinileyo oyikhanyisayo \_\_\_\_\_
- Into oyityayo \_\_\_\_\_
- Ezi zifunyanwa elwandle \_\_\_\_\_
- Iimvakalelo ezimbini \_\_\_\_\_
- Into oyisebenzisela ukwakha \_\_\_\_\_
- Into onokuzibona kuyo \_\_\_\_\_
- Izinto ezenziwe ngumntu ezikhupha ukukhanya \_\_\_\_\_
- Izinto ezintathu ezifumaneka esibhakabhakeni \_\_\_\_\_

**Iimpendulo:** 2.a. Mpuma Koloni, b. Nieu Bethesda, c. Mphutho/Persia, d. isikhova, e. inkamela, ikati, f. nawophi omabini: uHelen, uAnnie, uAlida, g. ikhondlela, h. isonka/likese, i. amaza/oonokwace, j. naziphi ezimbini: uvuyo, ukuba nguchiki, ukoyika, k. isamente, l. isipili, m. naziphi ezimbini: ikhondlela, isibane, ilanteni, n. ilanga, inyanga, inkwenkwezi



Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us by calling our call centre on **02 11 80 40 80**, or in any of these ways: AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Nkabelelana nathi ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-**02 11 80 40 80**, okanye nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)

[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)

Produced by The Nal'ibali Trust and Tiso Blackstar Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

**S**owetan  
IN THE KNOW ON THE MOVE.



Drive your imagination

